# Iziqulatho


1. Unyanzeleka kokuba ufumane ingeniso ........................................ 1

2. Inqanaba lokushishina................................................................ 1

3. Ukoneliseka.................................................................................. 1

4. Ingeniso engcono ........................................................................ 2

5. Ushishino nokusindisa ubom ...................................................... 2

6. Umvuzo wokushishina................................................................. 3

7. Ingeniso esulungekileyo.............................................................. 3

8. Ukuzimela ngokwezimali ........................................................... 4

9. Inqanaba eliphezulu ................................................................... 4

10. Umsebenzi ohloniphekileyo....................................................... 5

11. Ukusebenza nzima ..................................................................... 5

12. Umsebenzi onzima..................................................................... 5

13. Usomashishini ot hambileyo...................................................... 6

14. Usomashishini onyanisekileyo.................................................. 6

15. Indlela yokuziphatha kushishino.............................................. 6

16. Indlela yokuziphatha kushishino.............................................. 7

17. Imigaqo yoshishino ................................................................... 7

18. Mxhaseni usomashishini............................................................ 8

19. Ukuzimela kwezo qoqosho ........................................................ 8

20. Ukushishina ngentseni .............................................................. 9

21. Ulimo .......................................................................................... 9

22. Isidima sokurhweba ................................................................. 10

## 1. Unyanzeleka kokuba ufumane ingeniso

طَلَبُ الْحَلَالِ وَاجِبٌ عَلَى كُلِّ مُسْلِمٍ

U-Hazrat Anas ibn Malik radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Kulunyanzelo kumaMuslim onke ukuba akhangele ingeniso ehalaal.” *(Tabrani)*

## 2. Inqanaba lokushishina

طَلَبُ الْحَلَالِ فَرِيْضَةٌ بَعْدَ الْفَرِيْضَةِ

U-Hazrat Abdullah ibn Masud radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Ukufuna ingeniso ehalaal kulunyanzelo emva kokugqiba ezinye izinto ezilunyanzelo.” *(Bayhaqi)*

## 3. Ukoneliseka

مَا أَكَلَ أَحَدٌ طَعَامًا قَطُّ خَيْرًا مِنْ أَنْ يَأْكُلَ مِنْ عَمَلِ يَدِهِ وَإِنَّ نَبِيَّ اللَّهِ
دَاوُدَ عَلَيْهِ السَّلَامُ كَانَ يَأْكُلُ مِنْ عَمَلِ يَدِهِ

Kuthiwa uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Akukho namnye umntu utye ukutya okungcono kunokutya akusebenzeleyo ngezandla zakhe.inene umprofethi ka-Allah uDawood alayhis salam wayesitya oko akusebenzele ngezandla zakhe.” *(Bukhari)*

## 4. Ingeniso engcono

مَا كَسَبَ الرَّجُلُ كَسْبًا أَطْيَبُ مِنْ عَمَلِ يَدِهِ وَمَا أَنْفَقَ الرَّجُلُ عَلَى نَفْسِهِ وَأَهْلِهِ وَوَلَدِهِ وَخَادِمِهِ فَهُوَ صَدَقَةٌ

URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

"Akukho ngeniso ingcono kunaleyo umntu ayisebenzeleyo. Lowo uchitha imali kwisiqu sakhe, izizalwana, abantwana bakhe kunye nabasebenzi bakhe, konke oko kungumnikelo (ufumana umvuzo womnikelo)." *(Ibn Majah)*

## 5. Ushishino nokusindisa ubom

تِسْعَةُ أَعْشَارِ الرِّزْقِ فِيْ التِّجَارَةِ

URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

"Isithoba eshumini sesondlo sisuka kushishino." *(Al Jaami al Sagheer)*

## 6. Umvuzo wokushishina

أَيُّمَا رَجُلٍ اِكْتَسَبَ مَالاً مِنْ حَلاَلٍ فَأَطْعَمَ نَفْسَهُ أَوْ كَسَاهَا فَمِنْ دُوْنِهِ مِنْ خَلْقِ اللّٰهِ كَانَ لَهُ بِهِ زَكَاة

UHazrat Abu Saeed radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

"Lo mntu ufumana ubutyebi obuhalaal, emva koko atye okanye azinxibise impahla okanye atyise okanye anxibise nayiphi na indalo ka-Allah, eso senzo sakhe siyakubhalwa njengesisa (egameni lakhe)." *(Ibn Hibban)*

## 7. Ingeniso esulungekileyo

طُوْبِى لِمَنْ طَابَ كَسْبُهُ

Naseeh al Ansi radhiallahu anhu ubalisa ukuba uRakb al Misr radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

"Zindaba ezimnandi kwabo ingeniso yabo ihalaal." *(Ibn Abi al Dunya)*

## 8. Ukuzimela ngokwezimali

لَأَنْ يَحْتَطِبَ أَحَدُكُمْ حُزْمَةً عَلَى ظَهْرِهِ خَيْرٌ لَهُ مِنْ أَنْ يَسْأَلَ أَحَدًا فَيُعْطِيَهُ أَوْ يَمْنَعَهُ

U-Hazrat Abu Hurairah radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

"Kungcono ukuba umntu athwale inyanda yenkuni (ayoyithengisa) kunokuba ahambe ecela amalizo (apho kusenokwenzeka ayinikwe lonto ayicelayo okanye angayinikwa)." *(Bukhari)*

## 9. Inqanaba eliphezulu

اَلتَّاجِرُ الصَّدُوْقُ تَحْتَ ظِلِّ الْعَرْشِ يَوْمَ الْقِيَامَةِ

UHazrat Anas radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

"Inene usomashishini onyanisekileyo uyakuhlaliswa phantsi komthunzi wetrone ka-Allah ngemini yomgwebo." *(Targheeb)*

## 10. Umsebenzi ohloniphekileyo

إِنَّ اللّٰهَ يُحِبُّ الْمُؤْمِنَ الْمُحْتَرِفَ

U-Abdullah ibn Umar radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

"Inene u-Allah uyalithanda ikholwa elizigcina lixakekile ngokushishina." *(Tabrani)*

## 11. Ukusebenza nzima

إِنَّ اللّٰه تَعَالَى يُحِبُّ الْمُؤْمِنَ الْمُبْتَذلَ الَّذِىْ لاَ يُبَالِىْ مَا لَبِسَ

URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

"u-Allah Ta'ala uyalithanda ikholwa elingusomashishini osebenza nzima, yena ungayikhathalelanga nempahla ayinxibayo." *(Al Jaami al Sagheer)*

## 12. Umsebenzi onzima

مَنْ أَمْسَى كَالاً مِنْ عَمِلِ يَدَيْهِ أَمْسَى مَغْفُوْرًا لَهُ

UHazrat Aishah radhiallahu anhu uchaza uku ba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

"Nawuphi na umntu othi azive ediniwe ngenxa yokusebenza zonke izono zakhe xa bufika ubusuku ziyaxolelwa zonke." *(Tabrani)*

## 13. Usomashishini ot hambileyo

رَحِمَ اللّٰه اِمْرَءًا سَمْحًا إِذَا بَاعَ سَمْحًا إِذَا اشْتَرَى سَمْحًا إِذَا اقْتَضَى

UHazrat Jabir radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Inga u-Allah Ta’ala angahlisela inceba yakhe kulowo uthambileyo xa ethengisa naxa ethenga kunye naxa kufuneka ebhatelwe.” *(Bukhari)*

## 14. Usomashishini onyanisekileyo

اَلتَّاجِرُ الصَّدُوْقُ الْأَمِيْنُ مَعَ النَّبِيّيْنَ وَالصِّدِّيْقِيْنَ وَالشُّهَدَاءِ

URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Inene usomashishini onyanisekileyo othembakeleyo ngemini yoMgwebo uyakuhlala nabaProfethi baka-Allah kunye namakholwa amoyikayo u-Allah kunye nalo maMuslim asweleka ekhusela i-Islam.” *(Tirmidhi)*

## 15. Indlela yokuziphatha kushishino

إِنَّ التُّجَّارَ يُبْعَثُوْنَ يَوْمَ الْقِيَامَةِ فُجَّارًا إِلَّا مَنِ اتَّقَى اللّٰهَ وَبَرَّ وَصَدَقَ

“Ngemini yoMgwebo osomashishini bayakuvuswa bengabantu abagababadeleyo naboni ngaphandle kwabo bamoyikayo (u-Allah Ta’ala) kwaye bethetha inyani (abenzi sono ngethuba beshishina).” *(Tirmidhi)*

## 16. Indlela yokuziphatha kushishino

إِنَّ أَطْيَبَ الْكَسْبِ كَسْبُ التُّجَّارِ الَّذِيْنَ إِذَا حَدَّثُوْا لَمْ يَكْذِبُوْا, وَإِذَا
اؤْتُمِنُوْا لَمْ يَخُوْنُوْا, وَ إِذَا وَعَدُوْا لَمْ يُخْلِفُوْا, وَإِذَا اشْتَرَوْا لَمْ يَذُمُّوْا, وَإِذَا بَاعُوْا
لَمْ يُطْرُوْا, وَإِذَا كَانَ عَلَيْهِمْ لَمْ يَمْطُلُوْا وَإِذَا كَانَ لَهُمْ لَمْ يُعْسِرُوْا

URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

"Eyona ngeniso ingcono yileyo kasomashishini othetha inyani akaqhathi, xa ethembisa akenzi okuphikisana nesithembiso, xa ethenga akathethi kakubi ngoko akuthengayo kwaye angakuncomi oko akuthengisayo, kwaye akabaleki xa kufuneka ebhatele, kwaye akaleqani nabo bamtyalayo." *(Targheeb)*

## 17. Imigaqo yoshishino

إِنَّ التَّاجِرَ إِذَا كَانَ فِيْهِ أَرْبَعُ خِصَالٍ طَابَ كَسْبُهُ وَإِذَا اشْتَرَى لَمْ يَذُمَّ وَإِذَا
بَاعَ لَمْ يَمْدَحْ وَلَمْ يُدَلِّسْ فِي الْبَيْعِ وَلَمْ يَحْلِفْ فِيْمَا بَيْنَ ذَلِكَ

UHazrat Umamah radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

"Xa kusomashishini kufumaneka ezimpawu zine ingeniso yakhe inyulu, 1. Ukuba akazigxeki izinto azithengileyo, 2. Akazincomi ukwegqithisa oko akuthengisayo, 3. Akaqhathi xa ethengisa kwaye, 4. Akufungi xa ethenga okanye ethengisa." *(Al Isbahani)*

## 18. Mxhaseni usomashishini

أُوْصِيْكُمْ بِالتُّجَّارَ خَيْراً فَإِنَّهُمْ برد الآفَاقِ وَأُمَنَاءُ اللّهِ فِى الْأَرْضِ

UHazrat Ibn Abbas radhiallahu anhuma uthi,

"Ndinicebisa ukuba nibaphathe kakuhle osomashishini kuba bangabathunywa phakathi kwamazulu bangabaphathiswa baka Allah emhlabeni." *(Daylami)*

## 19. Ukuzimela kwezo qoqosho

عَلَيْكُمْ بِالتِّجَارَةِ لاَ تَفْتِنُكُمْ هَذِهِ الْحَمْرَاءُ عَلَى دُنْيَاكُمْ

UHazrat Umar radhiallahu anhu uthi,

"Ndiyanicebisa ukuba nithabathe inxaxheba kushishino, khona ukuze aba babomvu (abo bangengawo amaMuslim) bangabi ngumqobo kwimicimbi yenu yase mhlabeni." *(Atabiya)*

## 20. Ukushishina ngentseni

اَللّٰهُمَّ بَارِكْ لِأُمَّتِيْ فِي بُكُوْرِهَا

UHazrat Sakhar Ghaamidi radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wayedla ngokwenza le Dua,

"Yini na Allah sikelela abalandeli bam kwimizamo yabo ekuseni." *(Tirmidhi)*

UHazrat Sakhar radhiallahu anhu wayengumrhwebi wayenika ingqwalasela ekuthumeni abameli bakhe boshishino ekuseni. Ngale ndlela wazenzela ingeniso eninzi njalo waba uzenzela ubutyebi obuninzi.

## 21. Ulimo

مَا مِنْ مُسْلِمٍ يَغْرِسُ غَرْسًا أَوْ يَزْرَعُ زَرْعًا فَيَأْكُلُ مِنْهُ طَيْرٌ أَوْ إِنْسَانٌ أَوْ بَهِيْمَةٌ إِلاَّ كَانَ لَهُ صَدَقَةً إِلَى يَوْمِ الْقِيَامَةِ

UHazrat Anas radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

"Akukho namnye kumaMuslim othi atyale umthi, atyale imbewu, emva koko intaka okanye umntu okanye isilwanyana sitye (kweso sivuno) konke (okokutyala) kuyakuthatyathwa njengomnikelo wayo." *(Muslim)*

## 22. Isidima sokurhweba

إِنْ كَانَ خرَجَ يَسْعَى عَلَى وَلَدِهِ صِغَارًا فَهُوَ فِي سَبِيْلِ اللّهِ وَإِنْ كَانَ خَرَجَ يَسْعَى عَلَى أَبَوَيْنِ شَيْخَيْنِ كَبِيْرَيْنِ فَهُوَ فِي سَبِيْلِ اللّهِ وَإِنْ كَانَ خَرَجَ يَسْعَى عَلَى نَفْسِهِ يعفها فَهُوَ فِي سَبِيْلِ اللّهِ وإِنْ كَانَ خَرَجَ يَسْعَى رِيَاءً وَمُفَاخَرَةً فَهُوَ فِي سَبِيْلِ الشَّيْطَانِ

UHazrat K'ab Ibni Ujrah radhiallah anhu uthi,

Ngenye imini indoda ethile yagqitha kuRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam. AmaSahaba athi akubona amandla ayo, athi, (Bekuzakuba kuhle) ukuba ebephume endlwini yakhe esiya (kulwa) kwindlela ka-Allah, URasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi,

"Ukuba uphume endlwini yakhe khona ukuze azokondla abantwana bakhe, njalo uyakuba usendleleni ka-Allah, kwaye ukuba uphume khona ukuze azokondla abazali abadala, nanjalo uyakuba uyakuba usendlelen ka-Allah. Ukuba uzamela ukufumana isondlo sesiqu sakhe khona ukuze angangqibi nanjalo usendleleni ka-Allah. Kodwa ukuba uzamela ukufumana isondlo khona ukuze azokuzigwagwisa kwaye aziphakamise kwabanye abantu njalo uyakuba usendleleni kaSathana." *(Tabrani)*

